



Xhosa

I-SPCA Ithi ...



**FUMANA ULWAZI MALUNGA NENJA,
YAKHO UMHLOBO WAKHO WOBOMI ...**

AMA CHAPHAZA AJOLISHWE KUBAFUYI ZINJA

Xa ufuyeinja uthi ufumane ukhuseleko emzini wakho, kwaye yona ingumhlobo wakho wenene. Iya kuthi lizenze loo nto yakuphathwa kakuhle iphile ngeyona ndlela, yondleke, ihlale yonwabile.

Yiyiphe eyona ndlela yokuphathainja yakho?



1. Kufuneka uyondle ngokutya okunesongo ukuze yomelele. Zama ukuyipha nenyama okona kutya kwayo kwendalo. Ukuba ngaba iindleko zakho ziyanda ngolu hlobo, ungayithengela ukutya kwezinja okufana.

MUSA ukuyipha ipapa nje yodwa Loo nto iya kuyenza ukuba ityebekodwa ingomeleli ibenamandla.

2. Qinisekisa ukubainja yakho ifumana amanzi amaninzi acocekileyo **NGALO LONKE IXESHA**. Mayibotshelelwe endaweni epholileyo. Mayibe nesayo isitya engenakho ukusiqubuda. Loo nto unoikuyenza ngokufaka imbokothwe kwithunga xa unenjankulu okanye wembele isitya emhlabeni xa unenjankulu ukwenzela ukuba ingasigili.

MUSA ukusebenzisa itoti endala okanye itayara xa uyipha amanzi kuba akayi kugcineka ecocekile kwezi nkonkxa. **MUSA** ukuyipha amanzi kanye ngemini – akwanelanga oko.



Inja yakho mayikhuseleke engqeleni, emvuleni nakwilanga elitshisayo. Yakhele inidwana yamaplanga yokulala. Umphantsi wayo mawube ngowamaplanga ukwenzela ukuba ingalali phantsi emhlabeni. Yandlala amapheha okanye irhonya ngaphakathi kwale ndlwana yayo. **MUSA** ukuyakha ngentsimbi okanye ngamacangci le ndlwana kuna loo nto iza kuyenza ibe shushu kakhulu ehlobo, ibande kakhulu ebusika. Izinga zifuna ukubaleka zidlale ukuze zomelele, ziphile kakuhle. Ukuba umzi wakho ubiyelwe ngocingo uze ube nesango elvalekayo, unokuyikhululainja yakho idlale ngaphakathi. **UNGAZE** uyibophelele ngetyathanga elifutshane imini yonke. Ukuba kukho imfuneko yokuyibophelela nokuba kusemini okanye ebusuku, kufuneka ityathanga elo libaleke elucingweni olude ukwenzela ukuba ikwazi ukubaleka ihle inyuka. Kufuneka ikwazi ukufikelela ekutyeni kwayo, nasemanzini, ikwazi nokuhlala emthunzini ehlotyeni, naselangeni ebusika. Mayingakusitheli into yokuba iya kuwukhusela umzi wakho kunye nosapho lwakho kuphela xa ngaba iyafikelela apho ifuna ukuya khona. Xa ibotshelelwe ayikwazi ukukhusela kakuhle. Uze **UNGAZE** uyikhulule izale isitalato.

3. Kufanele uyongeinja yakho xa ingaphilanga. Yise kugqirha wemfuyo okanye i **SPCA**. Qinisekisa ukuba ayinazo iintakumba okanye imikhaza. Usenokuyihlamba ngediphu yezinja okanye uyise e **SPCA** apho banokukuhlambela yona ngediphu.

MUSA ukuyihlamba nge Jeyes Fluid ukubulala iintakumba nemikhaza. Lumkela ukuyisika okanye uyigalele ngeparafini okanye ngamafutha emoto. Ezi zinto zinobungozi, zingayibulala.



4. Ungalibali ukusainja yakho ukuba iye kutofelwa umzananda nomkhuhlane wezinja xa sele ineenyanga ezi - 2 ubudala. Ezi zifo zibini zinobungozi kwaye ziyabulala kuloo nja ingazitofelwanga. Inja yakho kumelwe itofwe unyaka ngonnyaka.

5. Kufuneka uyithandeinja yakho. Ukuba unobubele kuyo iya kusoloko ikuthanda, ikukhusela. Nayo iyabuva ubuhlungu njengawe ngokoke musa ukuyikhaba, uyibethe, uyigibisele ngamatye okanye uyitshise.

Ukuba unenjaka zama ubonane ne **SPCA** okanye ugqirha wemfuyo ivalwe ukuze ingazali. Xa kungasekho mfuneko yanja okanye yamibundlwana, zise e **SPCA** apho ziya kwamkeleka khona. Musa ukuzigxotha okanye uzibulale. Leyo yinkohlakalo egqithisileyo.



**UNGALIBALI...
YIPHATHE KAKUHLE INJA YAKHO NAYO IYA KUKUKHUSELA ...**

Issued by the National Council of SPCAs

P.O. Box 1320, Alberton 1450 – Tel: (011) 907-3591 – Fax: (011) 907-4013 - e-mail: nspca@nspca.co.za

Sizama ukukunceda nokukucebisa ngeyona ndlela unokuphatha imfuyo yakho ngayo